URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo eliyiNtloko leZithili

Isalathiso: 20190813-7831
Inombolo yefayili: 12/2/7/P
Imibuzo: LR Abrahams

ISetyhula: 0043/2019
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: Oku kukwazisa *izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngamaxesha amiselweyo okufakwa kwezicelo zokufaka abafundi kwizikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni nolawulo lwengcaciso engokwamkela abafundi ezikolweni ngo-2020/21*.

Isihloko: Imihla namaxesha amiselweyo okwamkelwa kwezicelo zokufaka abafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo lwengcaciso engokwamkela abafundi ezikolweni ngo-2020/21.

1. Iyaqhubeka ukukhula qho ngonyaka imfuno yeendawo zokufunda ezikolweni eNtshona Koloni. Ukwenzela ukuba kulawulwe ngempumelelo ukwamkela abafundi ezikolweni, kucelwa izikolo zithobele la maxesha amiselweyo okwamkela abafundi alandelayo.

2. Imimiselo ekhankanywe kule setyhula isebenza kwizicelo ezifunyenwe ngo-**2020** zokwamkela abafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-**2021**.

2.1 I-WCED iya kuqhubeka neprojekthi eyongezelelweyo yokuvavanya ukwamkelwa kwe-intanethi okwamkelwa kwenkqubo yokwamkelwa kwama-2020/2001

2.2 Le mihla imiselwe ngokufanayo (*common dates*) ilandelayo yokwamkela abafundi inika ithuba iSebe i*WCED* lokucwangcisa ngobuchule obukhulu ukubonelela ngamagumbi, inani lezithuba ezabelwe iziko (*staff establishments*), ukuthengwa kwezibonelelo zokuxhasa ukufunda nokufundisa (*LTSM*) kunye nezinye iinkqubo zongenelelo ngoncedo eziyimfuneko ukuqinisekisa ukuba izikolo zikulungele ukuqalisa kunyaka ngamnye.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel.: +27 21 467 2364 Fax: +27 21 467 2633
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

2.3 Kucelwa izikolo ukuba ziwathobele la maxesha amiselweyo alandelayo okwamkela abafundi kwiSebe i*WCED* **aya kusebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo**:

INYANGA	IMIHLA KU-2020/21	UMSEBENZI
NgoFebruwari	03–06 Februwari 2020	Inqununu iqinisekisa yaye isayinele kwikhompyutha amanani obhaliso olucwangcisiweyo kwi-*CEMIS*
NgoFebruwari	07–11 Februwari 2020	Abaphathi beesekethe baqinisekisa yaye basayinele kwikhompyutha amanani obhaliso olucwangcisiweyo kwi-*Edu-InfoSearch*
NgoFebruwari	17 Februwari 2020	Izikolo zivula inkqubo yokwamkela abafundi (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo)
NgoMatshi	17 Matshi 2020	Izikolo zivala inkqubo yokwamkela abafundi (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo)
NgoMatshi–Meyi	17 Matshi – 11 Meyi 2020	Izikolo ziqwalasela izicelo
NgoMeyi	11 Meyi 2020	**linqununu ziqukumbela yaye zisayinele imo yazo zonke izicelo kwi-*CEMIS***
NgoMeyi	15 Meyi 2020	Isistim ekwikhompyutha ibonisa isiphumo sazo zonke izicelo
NgoMeyi	15–22 Meyi 2020	Abazali baziswa ngesiphumo nge-imeyili/nge-*SMS*
NgoJuni	05 Juni 2020	Abazali bangqina ukuba bayazamkela iindawo zokufunda
NgoJuni-Julayi	Nge-6 kaJuni- nge-24 kaJulayi 2020	Izikolo zizalisa iindawo ezikhoyo.
Jun - uSep	Nge-6 kaJuni-Septemba	Bazisiwe abazali ngeendawo. Abazali kufuneka bamkele kwaye baqinisekise indawo ngeentsuku ezi-3
NgeKota 3/4	NgeKota 3/4	I-WCED isombulula iindawo ezingafakwanga kwindawo yabafundi ngokubonisana nezikolo.
NgeKota 4	Emva kokusayinelwa kwenkqubo yokudlulela nokupasa komfundi	Izikolo zingqina ubhaliso kwi-*CEMIS*

3. Ukuba abazali abakungqini ukuzamkela iindawo zokufunda phambi kowe-**05 Juni 2020**, izikolo zokunika iindawo zokufunda ezilolo hlobo abanye abafundi abakuluhlu lwabalindileyo okanye abanye abafundi abasadinga iindawo.

4. Njengegosa elijongene nalo msebenzi, **inqununu** mayisayinele imo yezicelo (*status*) ngowe-11 Meyi 2020 kwi-*CEMIS*, njengoko imo yesicelo esiphumeleleyo ingenakurhoxiswa emva kokuba ipapashiwe ngowe-11 Meyi 2020.

5. Isistim yokwamkela abafundi ivelisa uluhlu lwabafundi abangekafakwa ezindaweni yaye ichaze ukuba zeziphi na izikolo ezinazo iindawo zokufunda ezifumanekayo njengoko izicelo zisaqwalaselwa.

6. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo ziqwalasele izicelo ingadlulanga imihla esikiweyo ukuqinisekisa ukuba amagosa anengcaciso echanekileyo eya kusetyenziselwa ukwazisa abazali ngeendawo zokufunda ezifumanekayo.

7. Kucetyiswa abazali ngokungqongqo ukuba benze izicelo kwizikolo ezininzi. Oku kuya kuqinisekisa ukuba ubuncinane abazali banokukhetha enye indawo ukuba ayifumaneki indawo kwisikolo abasikhethileyo.

8. Abazali kufuneka bazichaze ngokulandelelana kwazo izikolo abazikhethayo kwisistim ekwikhompyutha. Oku kuphelisa ukuvalwa kweendawo (*blocking of places*) okulibazisa ukuqukunjelwa kokwamkela abafundi iminyaka ngeminyaka.

9. Abazali kufuneka basebenzise le dilesi yeli ziko lewebhu lilandelayo, https://www.admissions.westerncape.gov.za, ukwenza isigqibo sokugqibela sabo. Kunokungenwa kweli ziko lewebhu ngayo nayiphi na idivayisi ekwaziyo ukungena kwi-Intanethi, enjengeekhompyutha zeleptophu, iithablethi okanye nkqu nee-*smartphones*.

10. Zonke izicelo, nokuba zifakwe kwikhompyutha ngumzali okanye ziziswe ngesandla esikolweni, **KUFUNEKA** zifakwe kwikhompyutha yaye mazisingathwe kwisistim ekwikhompyutha.

11. Kucetyiswa ngesihle ukuba kwimeko yokufakwa kwesibheno sokungamkelwa komfundi, imbambano okanye umngeni ngokwasemthethweni, izikolo zingacelwa zigqithisele iinkcukacha ezingesicelo eso, ezinjengokuqonda ukuba sasiqwalaselwe nini yaye ngayiphi indlela isicelo eso. Ezi nkcukacha ziya kuthi emva koko zithathwe kwiziko ledatha elisemthethweni leSebe i*WCED* ekufumaneka kulo ingcaciso yokwamkela abafundi.

12. Abazali mabakungqine ukwamkela indawo abayikhethayo yokugqibela yabo phambi ko-00:00 ngowe-**05 Juni 2020**. Ukuba abazali **abakungqini ukwamkela indawo okokugqibela phambi kwalo mhla okanye kweli xesha, isistim ekwikhompyutha iya kunika umfundi ngokuzenzekelayo nangokuyimpumelelo indawo yokuqala ekwisikolo esikuluhlu**.

13. Abazali banokungqina ukwamkela indawo yokufunda ngokuklikha ngqo kwisistim ekwikhompyutha okanye banokusayina yaye bangenise ileta yokungqina okanye iphetshana lokuphendula ngqo kwisikolo. Isikolo kufuneka emva koko sikhuphele (*upload*) ubungqina bokwamkela indawo kwisistim ekwikhompyutha phambi ko-00:00 ungadlulanga owe-05 Juni 2020.

14. Abazali kufuneka bakhuphele amaxwebhu axhasayo afunekayo kwisistim ekwikhompyutha xa besenza isicelo. Kufuneka bangenise **izatifikethi eziqinisekisiweyo zamaxwebhu axhasayo** kwisikolo aya kufunda kuso umfundi phambi ko-00:00 ngowe-05 Juni 2020. Ngaphezulu, izikolo/amabhunga olawulo anelungelo lokungazamkeli izicelo ukuba abazali bangenisa amaxwebhu obuxoki/anganyanisekanga okanye awomgunyathi.

15. Emva kokungqinwa kweendawo ngabazali, izikolo zinokuqhubela phambili ngokunika iindawo eziye zavuleleka kubafundi abakuluhlu lwabalindileyo okanye abanye abafundi abasadinga iindawo.

16. Kucelwa izikolo zenze konke okusemandleni azo ukuxhobisa abazali ekwenzeni isicelo kwisistim yekhompyutha ngokusebenzisa ezi ndlela zilandelayo:

16.1 Amabhunga olawulo anokunika abazali ithuba lokufikelela nokusebenzisa ilebhu yeekhompyutha phantsi kweliso nangokwemiqathango yolawulo apho kungenakubakho monakalo nelahleko ixhomisa amehlo.

16.2 Ngabanyanisekileyo nabathembakeleyo abazali, ootitshala, abasebenzi bolawulo, abasebenzi abazii-*interns* okanye abafundi bamaBakala 7–12 abanolwazi lwekhompyutha abanokuvolontiya ukuncedisa abazali kwinkqubo yokwenza izicelo ngekhompyutha.

17. Kwiimeko apho kungekho ukufikelela kwi-Intanethi, abazali banokufikelela kwi-intanethi kumathala eencwadi oluntu, okanye bangenise izicelo zabo ngqo ezikolweni, okanye bacele uncedo kwi-ofisi yesithili

18. Kukhunjuzwa izikolo ukuba abazali banokutshekisha imo yesicelo sabo kwisistim ekwikhompyutha ngawo onke amaxesha, yaye kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo ziqinisekise ukuba isistim ekwikhompyutha ibonakalisa ngokuchanekileyo isiphumo sezicelo ngawo onke amaxesha kunye nokuba izikolo ziyawathobela amaxesha amiselweyo.

19. **Ukusombulula iimeko apho umfundi angayifumananga indawo esikolweni**

Amagosa ezithili achaphazelekayo anoxanduva lokulawula ukwamkela abafundi ezikolweni, aya kukwazi ukufumana iilisti zabafundi abangafakwanga ezindaweni zokufunda nezo ndawo zifumanekayo kwizikolo kwisithili eso. La magosa aya kucelwa ancedise ekusombululeni iingxaki zokufakwa kwabafundi ezikolweni ngokuthethana nezikolo kwizithili nakwiisekethe ezichaphazelekayo.

20. Ngenxa yokwanda kwemfuno yeendawo zokufunda ezikolweni, iSebe *WCED* liyathemba ukuba le mimiselo iya kuzinceda izikolo nabazali. Sinqwenela ukubulela iinqununu, amabhunga olawulo namagosa ngenkxaso yawo ekufakeni bonke abafundi ezikolweni.

21. **Inkqubo yenkxaso yasesidlangalaleni**

21.1 ISebe i*WCED* liya kuzibandakanya kwinkqubo yenkxaso yasesidlangalaleni epheleleyo eya kuquka iintlobo ngeentlobo zopapasho namaqonga okwazisa uluntu ngokubanzi.

21.2 Oku kuya kuquka amaphephandaba, iiphowusta, amaphetshana nezibhengezo zentengiso nerediyo kunye namaqonga onxibelelwano oluntu achaphazelekayo.

21.3 Iiseshoni zengcaciso noqeqesho kwisistim ekwikhompyutha ziya kuqhutywa kuwo onke amagosa nabasebenzi abajongene nokwamkela abafundi ngoSeptemba ukuya ngoNovemba 2019. Iinkcukacha ngezi seshoni ziza kulandela.

22. Yonke imibuzo ngokwamkela abafundi inokuthunyelwa nge-imeyili apha WCED.Admissions@westerncape.gov.za okanye ibhekiswe kwi-:*Head: Management and Governance* okanye kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwisithili ngasinye.

23. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-11-15